

JUNI 2016

24-hour Emergency Fire Brigade 028 313 8000/8111
028 312 2400

Bulletin

Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni

IMIKHOSI IFUMANISA UTYELELO LWAYO E-OVERSTRAND LUVUSELELA

Ngaphandle nje kokuba utyelelo lwabo lu-lolweendawo eziphambili zelizwe, abatyeleli beKholeji yomKhosi kaZwelonke woMzantsi Afrika (ofinyezwa njenge-SANDC) bathe batyelela iOverstrand khona ukuze baqondiswe ngokusebenza kwequmrhu kunye nokusebenza komasipala.

Iindawo abathe bazityelela ziquka ukutyela isitishi sodluliselo saseHermanus kunye neziko lokucoca kuvuselelwa ngokutsha inkukuma, isitishana saseWalker Bay kunye neziko elihluza amanzi ngokwendalo.

Ukongeza koku, uSodolophu uNicolette Botha-Guthrie uthe wabanika umfuziselo wenkcukacha zokusebenza kweenkqubo nohanjiso-lweenkonzo egxininise ngakumbi kukusetyenziswa kwezikhokelo zephondo nezikazwelonke, iinzame zikamasipala zokuqinisekisa ukuqkwa kwawo wonke ubani kwezopolitiko, ezoqoqosho nentlalo, kwakunye neenzame ezenziwayo ukulungelelanisa uhlahlo-lwabiwo-mali luhambelane nezidingo eziphambili zoluntu.

Siqinisekiswa yiYunivesithi yaseStellenbosch kwaye sifundiswa ngokubambisana neZiko loQeqesho lwemikhosi yoMzantsi Afrika, iSANDC ifundisa isifundo sonyaka wonke esiyinkqubo eneemodyuli ezintandathu eziqika imibandela ephangaleleyo ngokhuseleko lwelizwe.



Ephendula umbuzo kaKholoneli Maria Make wemikhosi yoKhuseleko yoMzantsi Afrika wokuba ingaba yenza ntoni iOverstrand ukudala imisebenzi kunye nokwenza ingeniso, uBotha-Guthrie uchaze wathi, "Nangona iOverstrand ingena kudala misebenzi, singadala iimeko ezivumela amathuba okudala imisebenzi. Senza konke ekusemandleni ethu ukuqinisekisa ukuba amathuba engqesho nophuhliso loluntu ngokweNkqubo eXandileyo yemiSebenzi kaRhulumente eyaziwa njenge-Extended Public Works Programme (efinyezwa njenge-EPWP) kunye nokubonelela ngocweyo kwimibandela yokutolikwa kwemithetho kamasipala, nje umzekelo. Ukongeza, iOverstrand ixhasa iinkqubo eziqhubekayo ezahlukeneyo ezijoliswe ekubeni ulutsha lube nento oluyenza kuqkwa nabandlalo ezikhethekileyo".

Ukuphendula lo mbuzo ubuzwe nguKholoneli Maria Make wemikhosi yoKhuseleko yoMzantsi Afrika, umPhathi woMasipala, uCoen Groenewald wongeze ngokuqhula esithi xa esamkela eli butho lomkhosi iidolo zeminenga kunye nemozulu entle azihambanga kakuhle ngenxa yokuba umntu okwicandelo lolawulo lweentengo uthe wafuna ukucokisisa umsebenzi awenzayo.

Yenza iHermanus FynArts iphelise amakhaza asebusika ngeendidi eziphezulu zobugcisa, umculo, ukutya kunye newayini



Kulandelwa umxholo wamaFrentshi kulo nyaka, iHermanus FynArts iza kuqala ngoLwesihlanu we-10 kuJuni ngekonsothi yokuvula ekhethekileyo yobalaseleyo uRichard Cock kwaye iya kuqhuba de ivalwe ngowe-19, iqhuba imiboniso engekho ngaphantsi wama-20, iikonsothi ezi-18, iingxoxo ezingama-20, izigaba zocweyo ezingama-20 kunye nemiboniso yabapheki eli-10 kwalunye nokusindleka izindlo zasebusuku kunye nokungcamla iwayini. Phakathi kwamagcisa kunye nabasasazi abaza kubakhona kumsitho walo nyaka kuqkwa uLouis Jansen van Vuuren, uHardy Olivier, uZapiro, uDavid Kramer, uJohn Kani, uAmanda Strydom, uKamal Khan, iMarilyn Martin noChristopher Hope. Ngenxa yokuba uSuku loLutsha luya kube lubhiyozelwa ngelixa kuqhubeka lo mbihiyozo, uPeter kunye noMvolufa bekunye ne Cape Philharmonic Youth Orchestra kunye nomsasazi kamabonakude, uKatlego Maboe, njengombalisi baza kubakho kwinkqubo yalo nyaka.

Ingeniso evela kwintengiso yamatikiti kwimisitho ethile kunye nevela kwintengiso yewayini, iya kwiFynArts Development Fund, ejolise ekuphuhliseni ubugcisa kwiGreater Hermanus kunye neCape Whale Coast.

Ukuze ubone inkqubo ephelileyo, ndwendwela u- www.hermanusfynarts.ac.za. Amatikiti ayafumaneka kwi-webtickets.co.za okanye kwi-Hermanus Tourism kwa-028 312 2629

IIMOTO ZEXABISO ELIPHEZULU LIKROBA ELIFANELEKILEYO LOKUKHUTHAZA ULUTSHA

UKaskar wamilela iLast Lion Lifestyle ngo-2015 ukudala iqonga lehlabathi apho abanini beemoto zexabiso eliphezulu bangaxibelelana khona – nalapho bangasindleka kwaye bacwangcise imisitho enjengeendibano, njengeqonga lokukhuthaza nokucebisa ulutsha.

Ilast Lion Lifestyle ithe yadala ukubudlelwane kwaye yasekwa luthotho lweenkampani ezikwimveliso yeemoto kunye namaqonga obomi obuntofontofo. Okubalulekileyo ke kodwa, lo mbutho uthe waqalisa ngobudlelwane noomasipala baseNtshona Kapa nalapho udlala indima yokukhuthaza abantwana abavela kuluntu oluhlelekileyo ngokuthi baququzelele iinkqubo ezahlukeneyo zophuhliso lwezakhono zobomi.

Ebulela iLast Lion Lifestyle ngamalizo ayo, uSodolophu uthe loo malizo aza kudlala indima enkulu ekwandiseni izimali eziya kwiipropjekthi yena azikhuthazayo nabandakanyekayo kuzo.

"Kungumangaliso ukuba umbutu wenu usebenzisa imisitho yokunyuso-ngxowa-mali ozifake kulo ukuze nifikelele kwaye nikhuthaze ulutsha lwezwe lethu ukuba lunqwenene ukwenza izinto ezinkulu kwaye lulandele amaphupha alo. Imizamo yenu ibalasele kwaye ndinigqwabela izandla."



USodolophu waseOverstrand uNicolette Botha-Guthrie (usekunene emfanekisweni), uthe wafumana amalizo avela kulush Kaskar (usekunene emfanekisweni), ungumini wemoto yexabiso eliphezulu.

ISAPHULELO KWIINTLAWULO ZEEPROPATI KUBASEBENZISI-NKONZO ABAKHULILEYO

Abasebenzisi-nkonzo abakhulileyo ngoku bangaqala ukufaka izicelo zezaphulelo zabadla umhlalaphantsi kwiintlawulo zeeopropati, ziqala ukusebenza ngowo-01 kuJulayi 2016. Abantu abakhubazekileyo nabo badla umhlalaphantsi bangafumana izaphulelo ezikhethekileyo kwiintlawulo zeeopropati ngokuhambelana nomvuzo womzi wenyanga uwonke. Ukuze uzifumane izaphulelo kufuneka:

- Abanini/umnini kumele babe ngabemi / ngummi woMzantsi Afrika
 - Umntu ofaka isicelo mayibe nguye obhaliswe njengomnini weopropati
 - Umnini kumele ukuba ahlale kwiopropati njengeopropati engundoqo
 - Umnini / Abanini kumele ukuba babenama-60 eminyaka ubudala okanye babe bafumana inkamkam yokukhubazeka kuRhulumente
 - Umvuzo wenyanga womzi kumele ungabikho ngaphezu kwe-R12 000
 - Iopropati kumele ingaquathi ngaphezu kweyuniithi enye yendawo yokuhlala
 - Abaceli kumele bangabi ngabanini beopropati ezininzi
- Zonke izicelo kumele ukuba zifunyanwe ngumasipala ngaphambi kowe-15 kuJulayi 2016. Ngokomgaqo-nkqubo weentlawulo ophunyeziweyo, singazamkela izicelo ezifike emva kwexesha kodwa de kube ngowama-30 kuSeptemba 2016.

UMQULU WOQIKELELO-MAXABISO EEPROPATI OWONGEZEKILEYO UVULELEKILE UKUBA UHLOLWE

Umqulu woqikelelo-maxbiso eepropati wokuqala woMasipala waseOverstrand womnyaka-mali 2016/16 ngoku uvulelekelele ukuba ungahlolwa luluntu. Isithuba sexesha lokuhlolwa lihuba ukusuka ngowe-12 kuMeyi 2016 ukuya ngowama-28 kuJuni 2016.

Ngesi sithuba sexesha, naye nabani na onqwenela ukuphikisa nawuphi na umba obhengeziweyo okanye ongekho kulo mqulu kumele ukuba enze njalo ngokuzalisa ifomu yokuphikisa emiselweyo. Le fomu iyafumaneka kwiwebhusayithi kamasipala (www.overstrand.gov.za) nakwiifisi zikamasipala.

Nceda uqaphele oku kulandelayo:

- Ingqalelo mayijoliswe kwinto yokuba ngokweCandelo 50(2) lomThetho ongeeNtlawulo zeePropati kuMasipala: ubuRhulumente beNgingqi (umThetho onguNomb. 6 wango-2004), apha kweli xwebhu ubizwa "njengomThetho", ukuphikisa kumele kube kunxulumane nepropati ethile echaziweyo hayi umqulu woqikelelo maxbiso eepropati owongezekileyo.
- Umpikisi kumele athobele amaxesha amiselweyo ngokumalunga nokuhlolwa komqulu woqikelelo-maxbiso kwaye (ukuba kuyimfuneko) kungeniswe impikiso leyo kwangexesha.
- Kumele ukuba kugxininiswe ukuba ngokweCandelo 45(1) lalo mThetho, ukuhlolwa kwepropati enikwa ixabiso akunyanzelekanga. Le nyaniso ihlala ilityalwayo ngabanini.
- Emva kwesithuba sexesha lokuhlola sifikelele ekupheleni, zonke iimpikiso ezifunyenweyo kumele ukuba zidluliselwe kumQikeleli-maxbiso eePropati, nokumele ukuba agqibe kwaye azise abaphikisi ngemiphumela yesigqibo sakhe.
- Abaphikisi abanganelisekanga yimiphumela yeempikiso zabo baya kufuneka bafake isibheni kwiBhodi yeziBheni zoQikelelo-maxbiso.
- Kubalulekile ukuqaphela ukuba umThetho ufuna ukuba umpikisi aqhubeke ahlawule iintlawulo zepropati ngelixa impikiso yakhe isaphononongwayo kwaye kude kugqitywe ngayo.

Nayo nayiphi na imibuzo emalunga noqikelelo lwamaxabiso epropati, nceda uqhagamshelane noJohette Basson kwa-028 313 8133 okanye uthumele ngqo i-imeyili: enquiries@overstrand.gov.za.

UKUCHONGELWA AMAWONGA KASODOLOPHU KA-2016

KuBusuku boGqweso bamiNyaka le, kwambeswa abo baqwesileyo ekwenzeni umahluko eOverstrand ngokuthi kuwongwe ngeNdebe kaSodolophu kuLondolozi lweNdalo, iWonga loNyaka kuMntu oBhinqileyo kunye neWonga labaGqwese ngokuBalaseleyo.

Kulo unyaka uSodolophu uza kunikeza ngamawonga ngowama-23 kuAgasti 2016. Makuchongwe abantu abafanelekileyo kwaye olo chongo malungeniswe ngaphambi okanye ngowama-29 kuJulayi 2016.

Ukuchongela umntu iNdebe kaSodolophu kuLondolozi lweNdalo kungangeniswa kuLiezl de Villiers at Ibezuidenhout@overstrand.gov.za.

Ukuchonga umntu obhinqileyo waseOverstrand othe wabalasela ekwenzeni umahluko kwindima yakhe kwaye ukuba makawalaselwe ukuba afumane iWonga loNyaka kuMntu oBhinqileyo kungangeniswa kuElize van Zyl at everrij@overstrand.gov.za.

AbaGqwesileyo ngokuBalaseleyo kuluntu bangatyunjwa ngoceba. Ukuchonga okubhalwe ngenkuthazo yokugwalaselwa kwalowo

uchongiweyo ingangeniswa nakuwuphi na uceba okanye ithunyelwe kuElize van Zyl at everrij@overstrand.gov.za.

Ukuchongwa kungangeniswa kwiOfisi kaSodolophu okanye kuthunyelwe ngefekisi kwa-028 313 8067.

Nceda uqaphele ukuba ukuchonga umntu kumele kukhatshwe ziinkcukacha ezipheleleyo zoqhagamshelwano lwalowo uchongayo nalowo uchongwayo.



CUTHA IFUTHE LAKHO: YEKA IIPLASTIKI EZISETYENZISO LUNYE NGALA MANYATHELO ALI-10 ALULA

- 1. Faka emgqomeni izitomp zisigarethi:** Izihluzi zesigarethi siqulathe iplastiki kunye netyhefu eninzi ebulala izidalwa ezisemhlabeni naselwandle njengoko sizazi.
- 2. Yithi "hayi" kwizitro:** Kwixesha elizayo uodola isiselo, qinisekisa ukuba uyabaxelela abathengisi ukuba awusidingi isitro. Izitro zeplastiki lolona hlobo lwenkukuma luxhaphakileyo xa kucocwa amanxweme.
- 3. Thenga okuvela kwingingqi yakho:** Ngamania zonke iisuphamakethi zipakisha iziqhamo nemifuno kwiibhegi zeplastiki okanye iikhonteyina zesitrayifomu. Thenga okuveliswa kwingingqi yakho ngokuthi uye kwimalike yeziqhamo kunye nemifuno okanye umfama ongadingi kupakisha okanye kuthutha izinto azithengisayo ngaphaya kwezilwandle naselatakisa.
- 4. Gcina iibhegi seplastiki ezisebenzisekayo kwakhona zilungile:** eMzantsi Afrika kuphela, malungu neebhiliyoni ezisibhozo zeebhegi zeplastiki ezityenziswa kanye zithengiswa minyaka le. Isingqiniso sale nyani sokuba ezi bhegi ziyiwa ziintaka, izilwanyane kunye neentlanzi, ngumphumelela wophando olwenziwe eUnited Arab Emirates nalapho kufunyaniswe ukuba malunga nama-50% eenkamela zifa ngenxa yokutya iplastiki!
- 5. Yeka ukusebenzisa iimveliso eziquathe amaso eplastiki:** Ngoku kumele ukuba yinto ezenzekelayo kuwe ukujonga iilebheli zezinto ozithengayo. Inye into efunekayo kukwenze le nto inye xa uphinda uthenga intlama yokuhlamba amazinyo, isihlambi-mzimba, isicoci-busi okanye ishampu. Qinisekisa ukuba akukho maso mancane aqulethwe kuluhlu lwezithako, ngokuba ezi zinto zidlula lula kwizihluzi-manzi kwaye ziphelele elwandle apho zithatyathwa njengokutya zizilwanyana eziphila elwandle.
- 6. Yenye ngokwakho:** Uninzi lokutya esele kuphekiwe esikuthenga kwiisuphamakethi kwenziwa ngezithako ezikumgangatho ophantsi kwaye zipakishwa ezipastikini kusenzelwa lula wena. Ukusuka kwiizindlo esele ziphekiwe ukuya kwimuzli yesindlo sakusasa. Kutheni ungazenzeli ngokwakho isindlo esisempilweni nesinengqalelo endalo esingqongileyo?
- 7. Yeka amanzi afakwe ebhotilini:** Amanzi etephu axabisa nje iisenti ezimbalwa ngelitha xa kuthelekiswa malunga ne-R12 ngelitha yamanzi asebhottilini. Ukuthenga ibhotile yamanzi yeglasi okanye yesinyithi sisisombululo socutho-zindleko noqhubekako.
- 8. Sebenzisa iglasi:** Uninzi lweefriji zeevenkile luzele lumi ngeembambo ziziselo ezibandayo, ubisi olufakwe incasa kunye neejusi zeziqhamo ezisezibhotilini. Ukuba kuyimfuneko ukuba uthenge ezo zinto, zama ukukhetha ezikwiibhotile zeglasi okanye kwezinye izinto ezinjengekofu, thenga ezikwijagi yeglasi. Noko ezi ziyakwazi ukusebenziseka kwakhona kwaye zingasetyenziselwa nezinye izinto ekhaya.
- 9. Khetha iikomityi eziphinda zisetyenziswe:** Iikomityi esetyenziswa zilahlwe zingajongeka ngokungathi zenziwe ngephepha kodwa zalekwe ngeplastiki apha ngaphakathi kwaye iziciko zazo zenziwe ngeplastiki kuphela. EAustralia kuphela, malunga nebhiliyoni yeekomityi eziphinda zilahlwe ziphelela etipini minyaka le, zidala iitoni ezi-7000 enkukuma. Yiya nemagi yakho ongapinda uyisebenzise kwiindawo ethengisa ikofu ukuze kugalelwe kuyo kwaye oko kungakwenza ufumane isaphulelo!
- 10. Hlala ulungile:** Vuka kangangemizuzu ezi-15 ngaphambi kwexesha leziqhelu khona ukuze wenze amaqebengwana ehlohiweyo okanye isindlwana esincinane sexesha lesidlo sasemini. Yimeko apho kuphumelela wonke ubani: Wonga imali kwaye ucutha ukusebenzisa imathiriyeli yokupakisha yeplastiki. Kule mihla siphila kuyo, bubuvuvu ukucinga ukuba singaphila tu kwaphela ngaphandle kokusebenzisa iplastiki. Kodwa ngokulandela nje lamanyathelo ali-10 adweliswe apha ngentla, singasicutha lula isixa sokusetyenziswa kweplastiki ngakumbi iplastiki ezisetyenziswa kanye kuphela.

Ngakoko oko sisithi, cutha apho unganako kwaye sebenzisa kwakhona konke onako

UMDLALI WEVAYOLINI UZA KUYOLISA NGONCUTHU LOMCULU



Umdlali wevayolini **URACHEL LEE FIRDAY** ovela eUSA, nobalasele ngoncuthu lomculo kunye nokumameleka xa edlala eqongeni, ungammamela kwikonsathi yasemva kwemini ngecawa, ngowama-26 kuJuni. UFRIDAY uthu wadlala kumaqonga eyedwa kuthotho lwamaqela entambula amazwe ngamazwe kwaye kulindlekele ukuba abanelise abamameli bakhe ngohlobo lwakhe lokudlala umculo. Uya kube ekhatshwa ungumdlali wepiyano kwikonsathi, uBryan Wallick (novela eUSA kodwa sele engummi woMzantsi Afrika). Baza kucula imisebenzi kaBrahms, Prokofiev kunye noBeethoven kwakune neeSarasate zikaZigeunerweisen.

Ikonsathi iqala nge-15:30 eHermanus Civic Auditorium. Amatikiti yi-R120 (R60 kubafundi). Bhukisha eBELLINI kwa- 028 312 4988. Ukuba unemibuzo, tsalela unobhala we-OAK, uRené du Plooy kwa-082 940 4238.



RACHEL LEE FRIDAY